

# MANDIZIKHWEBULE NINI, KANJANI EBANTWINI


## Xa ufunyaniswe unayo iCOVID / ngexesha usalinde iziphumo/ xa ukhe wasondelelana nomntu onayo

Intsholongwane iCorona isulela kakhulu yaye inwenwa ngamathontsana athwalwa ngumoya aphuma kumntu osulelekileyo xa usondele kakhulu kuye. Kubalulekile ukuzikhwebula ebantwini xa uqalisa ukuba nezi mpawu okanye ngexesha usalindele iziphumo zohlolo.

### KUKUTHINI UKUSONDELELANA NOMNTU OSULELEKILEYO?

Kuxa ubukhe wasondelelana nomntu imizuzu engaphezu kweli-15 yaye nisondelelene kakhulu ngomgama ongaphantsi kwe-1,5m ninganxibanga zimaski.

Danlowuda **i- CovidAlertSA app** ufumane imiyalezo enika ulwazi ngokwenzekayo (inotifikheyshini) xa uthe wasondelelana nomnye umntu.



### Ingaba lixesha elingakanani ekufuneka uzikhwebule ebantwini?

**Xa uneempawu nokuba azixhalisi/xa uneCOVID-19:** Ziintsuku ezili-10 emva kokuba ziqalisile iimpawu

**Xa uneCOVID-19 kodwa ungenazo iimpawu:** Ziintsuku ezili-10 emva kokuba uye wahlolwa

**Xa ukhe wasondelelana nomntu oneempawu eziqinisekisiweyo zeCOVID-19:** Kusemva kweentsuku ezili-10 ukhe wasondelelana nabantu abasulelekileyo nokuba akukho zimpawu zibonakalayo. Kuxa unazo iimpawu emva kweentsuku ezili-10.



### INTO ONOKUYENZA

- Hlala ekhaya okanye ukuzikhwebula ebantwini yiya kwiziko lelilungiselelwe oko
- Abo baneempawu zeCOVID-19 okanye ukuba ufunyaniswe unayo, kufuneka uhlale wedwa egumbini ungadibani nabanye abantu ekhaya **OKANYE** ukuzikhwebula nokuzikhwarantina yiya kwiziko elilungiselelwe oko.
- Ungaphumi endlwini yakho okanye kwiziko lokuzikhetha de ube uligqibile ixesha lokuba uzihlalele wedwa.
- Musa ukuphuma uhambe okanye sukuba neendwendwe
- Cela umhlobo wakho akuzisele igrosari, izidlo namayeza awabeke emnyango okanye ufake i-odolo nge-online



### UKUFUMANA EZINYE IINKCUKACHA:

**Tsalela i-Hotline yeCOVID-19 yoRhulumente weNtshona Koloni (kwinombolo engahlawulelwayo)**  
021 928 4102 **okanye** 080 928 4102  
**I-National Hotline** 0800 029 999  
**WhatsApp "Hi" ku-** 0600 123 456

HLALA UKHUSELEKILE

**YIYA PHAMBILI**